

# PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYENKANGA  
2013



UJob Mothusi waseWeltevreden eMntla-Ntshona ehlola umbona wakhe ohlumayo.

## Izicwangciso zakho zamalungiselelo exesha lokulima umbona

**E**li xesha lizayo lokuhlwayela libonakala lingumceli-mngeni omkhulu. Kwiindawo ezi-ninzi ezifana nephondo laseMntla-Ntshona nelaseFree State, siqalisa ngokufuma komhlaba okunkongopeleyo. Imisebenzi eminzi yokufama yenziwa ngokuciciyela uhlahllo-mali lwemali enganelanga yamalungiselelo ngenxa yesityalo esisileyo kwixesha lokulima elidlulileyo phofu, enyanisweni amaxabiso ombona khange abe mahle kangako kwixesha lonyaka elidlulileyo nangona izivuno bezi-phantsi kule mimandla.

Ngoko ke, umneni kukuba siza kusenza njani isicwangciso sexesha lonyaka elitsha lokulima kwezo meko? Abanye baza kuthi: "Yenzani ngendlela eniqhele ukwenza ngayo, ningzeni nayiphi into ngokugqithisileyo okanye ngokwahluke kakhlulu!" Abanye baya kuthi "limani emva kwexesha" – okanye, "musani ukulima kwaphela!" Inyaniso kukuba xa zifika iimvula zokuqala ibe nebhangi yakho okanye iziko leshishini lezolimo lisamkele isicelo semali-mboleko yomsebenzi wokulima omtsha, uba ngumlimi wombona owazi

Imagazini yakwaGrain SA  
yophuhliso Iwabavelisi

### Bala Moteng:

- 03 | Intshayelelo ngendlela yokulima ngaphandle kokuhlkula
- 05 | Udliwano-ndlebe IwaseGrain SA...noAlan Jeftha
- 12 | Masibe sedabini lokulwa neempuku zasebusuku!



## Izicwangciso zakho zamalungiselelo exesha lokulima umbona

into enye kuphela yokuba kufuneka ulime umbona! Thina balimi siqhyuwa zizimvo zethu zokuba sisebenze emasimini ethu silime kwaye siyazi ukuba kufuneka siphinde sizame kwakhona... Kufuneka siqengqe loo mavili makhulu kwakhona ngokunjalo nembewu entsha yeenkozo emhlaben!

Umsebenzi wokulima umbona lilinge elinemincipheko eminini. Ukuba ubunethamsanqa ngokwaneleyo lokuba ube ngomnye wabo bebevune isityalo esihle sombona kwixesha lonyaka elidlulileyo, ungakwazi ke ukuqalisa ngentliziyo ezele uvuyo kodwa uninzi lwethu ludinga ukulungisa imibandela embalwa esentloko ukuze siphucule amathuba ethu ngokunjalo sinciphise imingcipheko yethu.

- Thatha iisampulu zomhlaba ithuba liselihle ukuze kuthengwe isichumiso.
- Fumana icebiso kwiingcaphephe nabameli bamaqumruhembewu abayaziyo indawo yakho uxoxe nabo ngeentlobo-ntlobo zembewu yombona onokuzilima.
- Sazi isimo namaxesha okulima iintlobo-ntlobo ezahluka-hlukileyo zembewu yombona, zonke ziyahluka-hluka ngenxa yezinto ezilunceko ezahluka-hlukileyo kwiimeko ezahluka-hlukileyo zokulima.
- Qinisekisa ukuba onke amanye amalungiselelo akho aya-odolwa kwaye alungele ukuba usebenzise ithuba lakho lokulima negeyona ndlela incomekayo.
- Musa ukulima phambi kwexesha kakhulu ngenxa yesiqulatho sokufuma esisephantsi kakhulu.
- Qiniseka ukuba uyawukhulula umhlaba ongapezulu okungenani ukuze ukhuthaze ukugqobhozelaphakathi kwamanzi emvula xa ifika, oko kukuthi, mhlawumbi ngokuwukrazula okanye ngokuwungcangcazelisa.
- Qinisekisa ukuba ukhula olukhawuleze lwa-khona lutshatyalalisa mhlawumbi ngemichiza okanye ngesixhobo esinamazinyo ukuze kulondolozekuekfumuka okukhoyo. Inkubo yakho yokutshabalalisa ukhula ibaluleke kakhulu kwaye iya kuchaphazela ukukhula kwesityalo sakho sombona ngokunjalo nenani leengqakumbana zembewu ezivelayo esikhwebini ngenxa yoko isivuno sakho siphellele sinokuchaphazeleka kakubi xa ukhula lungatshatyalalisa kakuhle kulo lonke ixesha lonyaka lokulima.
- Londoloza izixhobo zakho zokutalya kunye nezinye izixhobo zokulima kwakuqala, oko kukuthi, faka amanye amazinyo kwizixhobo zokungcangcazelisa umhlaba nakwizikire zamakhuba njengoko ungadingi xesha lokubeka izixhobo phantsi ukuze uzikhande ngakumbi

xa imvula ine emva kwexesha njengoko ikholisa ukwenza njalo kule mihi!

- Thatha ithuba lakho uqwalesela ixesha lonyaka lokukhulisa umbona kanti naphambi kokuba ufake iingqakumbana zembewu yakho yokuqala emhlabeni kufuneka uqale ngokuhlo iimeko zentengiso yakho. Yenza isigqibo ngezinto ozidingela ukuzisebenzisa efama ezifana nezisetyenziswa ekhaya njengefula yemfuyo emva koko cinga ngendlela nangendawo oza kusithengisa kuyo isityalo sakho sipelele.
- Kubaluleke kakhulu ukuziqhelanisa nendlela osebenza ngayo ummandla worhewebo lweenkozo eMzantsi Afrika nokuba unearhente ekuncedisayo. Thatha ixesha lakho ufuna



## UMAKHULU UJANE UTHI...

**S**inethemba kwaye siyathandaza ukuba liya kuthi lifika ixesha lokuba ufunde lePula ube sowukwazile ukulima inkoliso yezitalo zakho zehlobo. Kubaluleke kangako ukufaka imbewu emhlabeni ngexesha elifanelekileyo ngesizathu seemvula ezilindelekileyo nangenxa yeemfuneko zamaqondo obushushu afunwa zizityalo. Izityalo ziyabufuna kakhulu ubushushu yiloo nto ukulima emva kwexesha kukholisa ukunika isivuno esincinane kuba iiintsuku zasekwindla azishushwanga ngokwaneleyo ukuze kukhuthaze ukupuhla okufanelekileyo kwezityalo ezizinkozo.

Kutshanje ndikhe ndaya kuthenga umgubo wombona evenkileni – ndothuswe lixabiso le-5 kg yomgubo wombona eliyi-R25,99. Ngenye indlela eli xabiso lilingana nexabiso lombona eliyi-R5 000 ngetoni. Kulo nyaka, andiqondi ukuba ukhona nawuphi umlimi ohlawulwe ngaphezu kwesiqingatha seso sixa. Lo ngumba obaluleke kakhulu wobukhu bokuya okwaneleyo kwinqanaba lamakhaya – ixabiso lokuya okuziinkozo, nexabiso athenga ngalo umsebenzisi wazo?

Masithi iindleko zokulima itoni enye yombona zinganeno kwixabiso lokuthengisa umbona nangelphi ixesha (okuyinyaniso malunga nomlimi oqhelelekyo kuba xa kungenjalo umlimi ebeya kulishiya ishishini). Masiphinde sicingele ukuba usapho ludinga itoni enye yombona ngonyaka – ukuba ulima ngaphezu kwetoni enye ngoko ke uza kuwuthengisa oseleko okanye wondle ngawo imfuyo yakho.

Iindleko zenyanga zomgubo wombona womzi (ngokwexabiso lomlimi lombona) beliya kuba malunga ne-R192 ngenyanga. (iindleko zetoni enye zibawa ngokwe-R2 300 ngetoni enye, kwaye siqikelela ukuba usapho lusebenzisa i-80 kg ngenyanga).

Masibuye kwiwabiso endisandul' ukulihlawula kubhazabhaza wevenkile – ndihlawula iR5 nge-kg. Nge-80 kg, iindleko beziya kuba yi-R400 ngenyanga (ngengxowa). Ngamanye amazwi, ngokulimela usapho lwa-khona umbona (iton enye ngonyaka), unako ukulondoloza ngaphezu kwe-R200 ngenyanga.

Ncedani nonke nilime umbona odingwa lusapho lwenu – oku kufanele ukukwazi ukwenzeka kwikota yehekture. Ngenene, ungayicinga indlela wonke umntu eya kukhululeka ngayo kwindlala?

# Intshayelelo ngendlela yokulima ngaphandle kokuhlakula

uncedo ukuze uqonde nendlela esebezena ngayo iSafex. Qinisekisa ukuba uyaluqonda "ulwahlukaniso ngokweendawo" nenjongo yalo ukuze ukwazi ukuthetha-thethana ngamaxabiso amahle anokufumaneka esityalo sakho sombona.

- I-inshorensi yezityalo ineendleko eziphezulu kodwa inako ukuba lunchedo ngexesha lokulima lonyaka elinemincipheko. Ucetyiswa ukuba uqhamagshelane neziko leshishini lezolimo lakho okanye umxhasi wakho wetyla uxoxe ngezinye iindlela onokuzikhetha nokuthi ngaba unganemfanelo ye-inshorensi yezityalo na kwixeshya elizayo lonyaka. Akufanelanga kuzenzela isigqibo sokuba uza kuba nayo imfanelo, nje-ngoko ungenako ukuqiniseka ukuba amaqumru e-inshorensi aya kufane akunike ukhuselo.

Sebenza njengomntu oqequeshekileyo ngalo lonke ixesha lokulima umbona. Asibobulukro ukuchetha imali eninzi ulima isityalo sombona kodwa uthi wakuggiba ungasibek' iliso kwaye ungasilawuli kwithuba elide. Oku kuthetha ukuba:

- Ufanele ukuba khona emasimini akho phantse yonke imihla;
- Ufanele ukugcina iitrektrata zakho nezihobo zokusebenza zikwimeko elungileyo yokusebenza;
- Ufanele ukugcina yonke imfuyo yakho ngo-cwangco eshedini yakho ude uyidinge kwaye imichiza nezinto eziyityhefu zitshixelwe ngo-kuseleko;
- Ufanele ukugcina iiakhawunti zakho nolawulo lweofisi ngocwangciso kwaye zihlaziyiwe;
- Kwakhona ufanele ukuchola-chola kwiingcaphephe zendawo yakho ezikrelekrele nakwabanye abalimi asebehambale phambili kwindawo yakho; ngokunjalo
- Ufanele ukuzidibanisa nombutho wakho, iGrain SA, kwaye usoloko usiya ezintlanganisweni, kumaqela ofundo-nzulu nasezifundweni zoqequesho – ngokunjalo ufunde iPula/lmvula yethu esasazwa ngenyanga nganye nenolwazi oluninzi uqale kuqweqwe oluphambili uye kolusekuggibeleni!


Akukho mlimi unokuthi yena selefunde konke afanele ukukwazi. Imo engqonge ukulinywa kombona iyaguqu-guquka, isoloko iqhubela phambili njengoko amaqumrhu athengisa imbewu ezabalaza ukuphucula imbewu yawo ngokunjalo amaqumrhu athengisa imichiza avela neemveliso ezintsha, nezisebenza phucukileyo. Umlimi ngamnye olima umbona makaphande kwaye afunde kanganoko anako ngalo lonke ixesha ukuze azixhobise ngolwazi, ngaloondlela uya kubangumlimiophucukileyo nosoloko ehamba ngokwamaxhesha kwishini lombona eliguqu-guqukayo kwilizwe lethu.

**Inqaku linikelwe nguJenny Mathews,  
umbhali kwiPula/lmvula. Ngolwazi  
olithe vetshe, thumela i-imelyili  
apha jenjonmat@gmail.com.**

ndlela yokulima umbona ngaphandle kokuhlakula yaqaliswa ukwenziwa ehlabathini kwiminyaka emininzi edlulileyo kodwa eMzantsi Afrika ibisoloko isenziwa manqapha-nqapha ngabalimi abakhetha ukuqhuba ngempumezo yale nkubo kwiminyaka emininzi. Kubalulekile ukuqaphela ukuba iinkubo zokulima ngokungahlakuli zilungele imisebenzi emikhulu yokulima nemincinane.

Izenzo zokungahlakuli zinesiphumo sentsalela eyenza umaleko wesigcina-kufuma kumphe-zulu womhlaba, maleko lowo olondoloza umbolo wezinto ebeziphila emhlabeni. Le ntsalela yombolo wezityalo inentlaninge yeziqalelo ezimbaxa zokutya ezinika ubomi nezenza umhlaba ochumileyo nokwaziyo ukunika imveliso. Izityalo nezinto ebeziphila eziyumziweyo zibizwa ngokuba yiuhmasi kwaye ziyakwazi ukugcina izondlo ezininzi ukuze zietyenziswe zizityalo.

Ikwayinyaniso into yokuba iintsilelo zibe ninzi ngokunjalo neemfezeko kwimpumezo yeenkubo zokungahlakuli emsebenzini wokulima. Ngokubanzi kukholelwu ekubeni impumelelo yokungahlakuli emsebenzini wokulima umbona ixomekeke kwimibandela emine engundo-qo eyile; izimvo, isityalo sexesha elidlulileyo, iintlobo zomhlaba kunye nesixhobo sokutala kwimeko yokungahlakuli. Kule mibandela mine, emithathu kuyo iyalawuleka – kodwa uhlabo lo-mhlaba alulawuleki. Enyanisweni, ulovo lomntu luya kuwuchaphazela umgangatho wempumelelo nxazonke nkqu nasebomini bakhe ingekuko emsebenzini wokulima kuphela. Ukuba umlimi utyala umbona ongahlakulelwayo ngentliziyo efileyo, kungenzeka ukuba afumane isivuno esifileyo! Impumelelo kwindlela yokungahlakuli ingafumaneka ngocwangcisel namalungiselelo aselehambele phambili ukuqinisekisa imfezeko yenguquko.



**UGavin Mathews uthathe le foto yentsalela yesityalo sakhe sengqolowa xa ebesebenza kwifama eseSouth Dakota. (Photo: Gavin Mathews)**

# Intshayelelo ngendlela yokulima ngaphandle kokuhlakula

## Phambi kokuba ungene zwabha

Lwazi uhlolo lomhlaba wakho. Indlela yokungahlakuli ayikwazi kwenzeka kwinkoliso yemihlabu eluvundu-vundu kanti abalimi abaninzi benza umsebenzi omkhulu malunga nokungahlakuli kwaye bazuza uncedo lolondolozo lomhlaba ngakumbi ethubeni njengoko iinzuso ezizizo zokulima umbona ngendlela yokungahlakuli zibonakala kuphela kwiminyaka emine ukuya kwemihlanu emva kokuyiqalis le nkqubo.

Cinga ngokuqalisu ngendawo encinane ufunde ngamava akho. Unzin iwalimi lungena luthe chukule nkqubo luze luzame ukufunda kangangoko lunako phambi kokuguqula yonke indlela yabo yokulima ukuba ibe yeyenkqubo yokungahlakuli.

## Kutheni ungahlakulelwu umbona

- Sowusanda umdla kwindlela yokungahlakuli ngakumbi ngenxa yokwanda kweendleko zamalungiselelo nezamafutha eenqwelo.
- Yimfuneko ukucutha imisebenzi yetrektara emhlabeni ukuze isebeenze amaxa ambalwa kunaxa kusetyenziswa indlela yokuhlakula yesiqhelo – kanti oku kukwacutha ixesha neendleko zabasebenzi.
- Eminye imibandela eluncedo ngendlela yokungahlakuli yile:
  - Sisidingo sokulondoloza ukufuma;
  - Sisidingo sokwakha isimo sendalo sempilo entle yomhlaba; ngokunjalo
  - Omatshini bexabiso eliphezulu bayalondolozeka.
- Nangona ziphezulu iindleko zokuqalisu ngakumbi ezesixhobo sokutyalu sobunjineli kwindlela yokungahlakuli, kubonakele ukuba ethubeni ziyebla iindleko zokuthenga oomatshini.
- Izenzo zokungahlakuli ezenza ukuba intsalela yexesha elidlulileyo lokulima isale ngaphezulu emhlabeni zicutha umqukuqelo wamanzi ukuze kunciphe ukukhukuliseka komhlaba ngumoya nangamanzi.
- UMzantsi Afrika uneengxaki ezixhomis' amehlo zokhukuliseko lomhlaba kweminye imimandla kanti inkqubo yokungahlakuli inokuba sisixhobo sokututha ingxaki.
- Izinto ebeziphila ezonegezeka njengentsalela zinako ukuphucula isimo nokuchuma komhlaba.
- Umgangatho ophuculiyewo womhlaba unefuthe elincomekayo kwizivuno zezityalo nakumanani azo. Njengoko ukungahlakuli kuphucula isimo somhlaba, iindleko zomsebenzi wokulima ziya kucutheka logama isakhono semveliso sisanda.

## Amacebiso ngolawulo

Ukuze ufumane isakhono sesityalo esibalaseleyo emasimini angahlakulelwu yekho imiba efanele ukuthathelwa ingqalelo.

## Ukufakwa kwekalika

Eyona pH yomhlaba elungileyo kwindlela yokungahlakuli yi 5,5 ukuya kwi 6,5, kuba xa unjalo imichiza etshabalalisa ukhula isebeenza ngendlela encomekayo ngokunjalo nobukho bezondlo ezifulyanwa zizityalo buyanda kakhulu.

## Ukufakwa kwezichumiso

Yiba soloko usenza uhlalutyo Iwesampulu zomhlaba kwaye ufake ii-phosphate ne-potash ngendlela efanelekileyo. Imihlabu ifudumala kade ngaphantsi kweentsalela zesityalo ngoko ke kubhetele kwasekuqaleni kufakwe isichumiso se-nitrogen ne-phosphorus ukuze umbona uqalise ukukhula kwangoko.

## Umhla wokutyalu

Abalimi baufunde ukuba amacondo obushushu bomhlaba kubunzulu beeintshi ezimbini ayebla kwimeko yokungahlakuli xa kuthelekiwa neyokuhlakula yesiqhelo. Oku kuthetha ukuba kungabubulumko ukuqalisu ngokutyalu umbona ongahlakulelwu emva kwethuba kancinanekunasesimini ahlahkulelwu ngokwesiqhelo njengoko imbewu yombona ibuvela kakulu ubushushu bomhlaba ngesigaba sokuntshula.

## Izixhobo zokutyalu kwindlela yokungahlakuli

Isixhobo sokutyalu ngokwendlela yokungahlakuli ziindleko eziphezulu. Luluvo olulungileyo ukuzama ukusiqhesa kwisigaba sokuqala se-nguquko. Uhlolo Iwentsalela eggume intsimi luya kuba nefuthe ekumiselweni kwsixhobo sokutyalu esisebenza ngaphandle kokuhlakula njengoko izixhobo zokutyalu zifanele ukugqobhoza intsalela ukuze ziyebla ngokulungelelana imbewu kubunzulu obuchanekileyo ngaloo ndlela idibana kakuhle nomhlaba. Isixhobo sokutyalu ke ngokumasenze ukuba umhlaba uijikeleze kakuhle imbewu ukuqinisekisa ukuntshula okulungileyo nokuhluma kwezithole. Ezi zixhobo zokutyalu zikhola ukuba nezigqobhozel zemisele yembewu ezinamazinyo ahamba ngambini logama amavili amxinwa, ahamba odwa okanye acinezela-nga-mbini esetyenziselwa ukuba umhlaba uijikeleze imbewu. Owona mba ubalulekileyo ngexesha lenqubo yokutyalu kukudibana komhlaba – nembewu kune nobunzulu bokutyalu.

## Ukutshatalaliswa kokhula

Ukutshatalaliswa kokhula kubaluleke kakulu kwimpumelelo yeenkqubo yokungahlakuli njengoko kungekho zinkqubo zokuhlakula ngokwesiqhelo ezikrazula ukhula entsimini. Isakhono semichiza etshabalalisa ukhula naso sinokucuthwa sisixa sezinto ezisentsimini ezivila kwisityalo

ngokunjalo nenkunkuma yokhula esuka ibambele kwimichiza yokhula, ngaloo ndlela zithintele ulungelelwano lwemichiza emhlabeni. Ngoko ke, ukukhethwa kwemichiza yokhula, ubungakanani obufakwayo bayo nendlela yokuyifaka ifuna ingqalelo ethile. Le asiyongxaki engenakoyiswa kanti ikwayinyaniso ukuba intsalela esemhlabeni nayo inako ukuthintela ukukhula kokhula ngokucinezela ezinye iintlobu ezithile.

Kulungile ukusoloko uzdibanisa neengcaphephe njengoko ukusetyenziswa komchiza omnye ngokubanzi nangokunganqunyanyiswayo kudla ngokubangela iingxaki ngokunjalo kusisizatu sokumelana okwandayo kokhula nemichiza. Imichiza kune nemixube yayo mayijikeleziswe.

## Iintlobu zeentsalela zezityalo

Izityalo ezahluka-hlukileyo zishiya iintlobu neendidi ezahluka-hlukileyo zeentsalela emasimini. Ezinye zibangela iimeko ezikufaneleyo ukulima ngaphandle kokuhlakula ezifana nezityalo zeemboty zesoya okanye ezelufa kanti ezinye iintsalela zenza iimeko eziyingxaki, umzekelo xa ingumbona emboneni. Kubalulekile ukwazi ukuba iinzuso neengxaki ziya kufumaneka ngesityalo ngasinye esahlukileyo esiya kuba kumijkeleziso wentsimi ethile. Izityalo eziyimidumba zityebisa umhlaba nge-nitrogen logama ezinye iintsalela zezityalo zisenokufihla izinambuzane ezifanele ukutshatalaliswa phambi kokuba kulinywe isityalo esitsha. Umbona unako ukulinywa kwintalela yombona kodwa makunikwe ingqalelo ekutshatalalisweni kwezinambuzane nokhula.

## Elokugqibela

Ngokujinisekileyo indlela yokungahlakuli emsebenzini wasefama inesakhono esibanzu sekamva eliqaqambileyo ngenxa yeenzuso zayo ekulinyweni kombona nezinye izityalo. Ixabiso lesiqu-latho sokufuma komhlaba eliphuculiyewo kune nempilo yomhlaba kune nokucutheka kokhukuliseko lomhlaba ngokunjalo nokuncipha kweehleko zeondlo ezisemhlabeni, alinakujongelwa phantsi njengesixhobo esiluncedo sexesha elizayo kwimeko efanele ukumelana nenguquko yemozulu neemfuno ezandileyo zemveliso yomhlaba.

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews,  
umbali kwiPula/lmvula. Ngolwazi  
oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha:  
[jenjonmat@gmail.com](mailto:jenjonmat@gmail.com).

# Udliwano-ndlebe IwaseGrain SA... noAlan Jeftha

**K**ule nyanga abasebenzi bethu becadelo lonxibelelwano bazinike ixesha lokumazi banzi uAlan Jeftha. UAlan unefama eSuurbraak naseConstantia eKoloni eseMzantsi. Funda banzi ngalo mlimi okhuthazekileyo no-kholelwa kulondolozo nasekulimeni ngaphandle kokuhlakula.

## Uwuhuba phi kwaye kwiihektare

**ezingaphi umsebenzi wokufama?**

### Ufama ngantoni?

Ndifama eSuurbraak kwaye ndinamacandelo amabini kwifama Yam, elezityalo eziziinkozo (ingqolowa, icanola nebhali) kune nelefamfayo, eyile, iinkomo zeFleckvieh Simmental, iigusha zeHampshire Down zenyama nezoboya kune neebhokhwe ze-Saanen zobisi ngokunjalo naseConstantia, aphi ndiseke khona isidiliya seShiraz. ESuurbraak kulo nyaka ndilime iihektare eziyi-90 zezityalo eziziinkozo, iihektare eziyi-25 zamachiza amadlelo ndiphinde ndibe neehektare eziyi-50 zamadlelo okutuya imfuyo. EConstantia ndilima ihektare enye yeShiraz kwisixokelelwano sezixhasi zezityalo.

### Ukhuthazwa yintoni?

Ndikhuthazwa kukufama ngokurhweba nokuba negalelo kwimveliso yokutya elizweni lethu logama ndikhusela kwaye ndityebisa imo esingqongileyo ngokunjalo nefuthe lam ekudalweni kwemisebenzi. Ndikholelwa kulondololozo nendlela yokulima ngaphandle kokuhlakula nasekugcineni iRenosterveld esinayo eSuurbraak, kanti nokufunda ukulimela ukurhweba ngokwenza njalo umsebenzi wam uhambelana neyantlkwano ebanzi yendalo nekoyo kumhlaba waseSuurbraak.

### Chaza imiba yokomelela

**neyobuthathaka bakho**

Ukomelela kwam kusekubeni ndiyakwazi ukuphulaphula kwaye ndikuthakazelela kakhulu ukufunda kumcebisi wam, uDirk van Papendorp nakubalingane endisebenza nabo abangamalungu kune nam kwiMbumba yamaFama beziTyalo eziziiNkzo baseSuurbraak. Ubuthathaka bam kukuba ndichitha ixesha elininzi kupuhliso loluntu njengoko ndikholelwa ekuncediseni kwidabi lokulwa nentswelo kanti oku kuthatha ixesha elininzi.

### Sasingakanani isivuno sezityalo

**zakho ngoko wawusaqala**

**ngokufama? Kanti ngoku ezo**

**zivuno sezingakanani?**

Ndikalise kwiminyaka emithathu edlulileyo nge-mveliso eziinkozo xa ndandilima iihektare eziyi-45

zengqolowa neowuthsi ndaza ndavuna iitoni eziyi 1,5 ngehektare nganye. Kulo nyaka ndilima iihektare eziyi 90 zemveliso eziinkozo neehektare eziyi-25 zamachiza kwaye isivuno sam seenkozo ngoku ziitoni eziyi 2,2 ngehektare nganye. Kunyaka ozayo ndinenjongo yokulima iihektare eziyi-125 zeenkozo ndize ndandise umhlaba wamachiza ube malunga neehektare eziyi-35. Ngokuhuba umsebenzi wokufama ngolondolozo, ngokwandisa intsalela yezityalo emasimini eenkozo nangokulawula ukutysa imfuyo, ndinethembra lokwandisa isiqulatho se-carbon emasimini am ukuze kwande izidalwanana ezincinanana, kugcineke namanzni ngaloo ndlela, ndinalo nethembra lokwandisa izivuno zibe ziitoni eziyi 2,5 ngehektare nganye yengqolowa okanye zebhalu kanti icanola yona ibe ziitoni eziyi 1,5 ngehektare nganye.

### Ungachaza uthi yintoni

**ebinegalelo elingundoqo**

**kwinkqubela nakwimpumelelo yakho?**

Ukucetyiswa, inkxaso noqequesho IwakwaGrain SA kune neenkubo zayo ngokunjalo nezfundo ezisolo ziqhuba.

### Loluphi uqequesho

**olufumeneyo kude kube ngoku kwaye**

**iloluphi osanqwenela ukulufumana?**

Ndiqueqeshwe kwimodyuli yoku-1 neyesi-2 kwiMveliso yeNgqolowa, ezo modyuli zazinikelwa yiGrain SA. Ndiphinde ndaphumelela izifundo ngoLondolozo IweziXhobo neTrektrata endizifumene kwaSSK, ndafunda nangokweNziba kweWayini nangokulinywa kwezidiliya kwiYunivesithi yaseStellenbosch, ndifunde ukwenza iTshizi nangoFama ngeeNyosi zoBusi. Ndenza itshizi ngobisi lweebhokhwe kanti ngoku ndandisa umhlambi wam weSaanen ube malunga ne-120, ukuze ndiqhuba ngokwenza itshizi neyo-

gathi kwifama yama eseSuurbraak. Njengenxene yendalo eyahluka-hlukileyo, ndinezindlu eziyi-30 zeenyosi nendingwenela ukuzandisa zibe malunga ne-100 esiza kuzakhela zona ngokwethu.

### Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu ezayo?

Kwiminyaka emihlanu ndinqwenela ukulima noku-vuna iinkozo zeehektare eziyi-150. Ndifuna uku-cutha umhlambi wam weenkomu ukuze ndandise iibhokhwe zobisi zibe ngama-200, kwakhona ndiza kufama ngeegusha nangeenyosi zobusi eSuurbraak. Ndingwenela ukufumana malunga neetoni eziyi-12 zeShiraz eConstantia ngokunjalo ndizenzele iwayini ngokwam phantsi kwegama lethu lokurhweba eliyiConstantiavale. Ndikwafuna nokufama neMbumba yamaFama eziTyalo eziNkzo kwifama aphi silima khona iihektare eziyi-1 000 zeenkozo.

### Leliphi icebiso onokulinika abalimi abatsha abanqwenela ukuphumelela njengawe?

Ukuphulaphula nokufunda kubalimi abarhweba ngempumelelo nakumaziko oshishino afana ne-Grain SA kwaye basebenzise ukufama ngolondololozo ngokunjalo basoloko bezibandakanya noqequesho. ☺

**Inqaku linikelwe nguLiana Stroebel,  
umbhali wiPula/Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe,  
thumela i-imeyili apha: liana@grainsa.co.za.**



# Qinisekisa isityalo sikajongilanga esinenzuzo kweli xesha lonyaka

**S**elikufutshane ixesha elitsha lokulima izitalo zehlobo ngakumbi oojongilanga. Kubonakala ngathi akukudalanga kugqitiye ukuvuna.

lingqikelelo zezityalo zeSAGIS zezityalo zika-2013 zibonisa ukuba isityalo sesizwe siphelele esiziitoni eziyi-566 600 siveliswe kwihekture eziyi-504 700. Oku kuthetha umyinge weetoni eziyi-1, 12 ngehektare nganye. Umyinge ophantsi wesivuno ukhanyisa imikhwa yokuna kwemvula okwahluka-hluke kakhulu okufenyenwe kwiindawo zemveliso zezityalo zehlobo ubukhulu becalo. Apho imvula ine ngo-kwaneleyo kufunyenwe izivuno eziziitoni eziyi-1,8 ngehektare nganye ukuya kwiitoni eziyi-2,0 ngehektare nganye. Kwezinye iindawo izivuno bezincinane okanye khange zibekho kwaphela. Thelekisa umyinge wesizwe wezivuno nezo zefama yakho.

Ixabiso lexesha elizayo loojongilanga abaza kuthengiswa liqikelelwa kuMatshi ngo-2914 kwi-R5 125 lize lihle libe yi-R4 840 kuMeyi ngo-2014 emva kokuba isityalo esiphambili sesithengisiwe emva kokuvuna. Usenokusebenzisa ixabiso leR5 000 kucwangciseloo Iwemveliso yakho nakuhlalutyo lomda ongowona ubanzi. Oojongilanga basenokuba sesinye sezityalo ezinokukhethwa malunga nemveliso enenzuzzo kweli xesha lonyaka xa unokuggqalisela kwisivuno seetoni eziyi-1, 5 ngehektare nganye obona buncinane. Qiniseka ukuba ulima emihlabeni enesakhono semveliso.

**Itheyibile yoku-1: Isishwankathelo samanani ezityalo afanelekileyo.**

Isakhono sesivuno ngee-kg ngeHektare nganye	lindawo (izityalo ngehektare)	Izithuba zasekuggqibeleni phakathi kwemiqolo ye-90 cm yenani elipheleleyo
1 000 - 1 200	25 000 ukuya kwi-30 000	45 cm ne-36 cm
1 200 - 2 000	30 000 ukuya kwi-35 000	36 cm ne-32 cm
2 000 - 3 000	35 000 ukuya kwi-40 000	32 cm ne-28 cm
3 000 - 4 000	40 000 ukuya kwi-50 000	28 cm ne-22 cm

## Ukufuma okulondoloziweyo neemeko zomhlaba

Eli lizwe lijongene nethuba lembalela eggithisileyo kwiindawo ezininzi zomsebenzi wokulima eliza kuba neemvula ezincinane kakhulu ekupheleni kwekwindla nasebusika neseziqalile ukufumaneka ngexesha loku kubhala. Mhlawumbi ube nalo ithuba lokugcina ukufuma emhlabeni apho unokuseka khona ucwangciseloo lokulima oojongilanga bakho kunye nemihla yokulima enokubakho.

Indawo onesicwangciso sokufaka kuyo oojongilanga, umbona, iimbotyi zesoya nezinye izityalo kuyo kungenzeka iphenjelelwem yimkhwa yokuna kwemvula efunyenwe kwiiveki zokuggqibela zikaSeptemba nakuOktobha. Uku-ba ayanelanga imvula efunyenwego yokuqalisa ngokulondoloze ka kokufuma komhlaba noku-vumela ukulinywa komhlaba phambi kokutyalu, abalimi bayo kuzilima kancinane iimbotyi zesoya nombona. Zombini ezi zityalo ngakumbi iimbotyi zesoya zinethuba elincinane kakhulu lokuzilima ukuba kulinyelwa izivuno ezilingeneyo zokurhweba.

Ngethamsanqa oojongilanga banethuba elithande ukuba lide eliqalisa ngo-Oktobha ukuya kufikelela kujanyuwari kwiindawo zokulima ezsentshona.

Musa ukuzifaka emngciphekweni wokulima amasimi angenakufuma okwaneleyo kubukhulu bomhlaba!

## Ubuninzi nomgangatho wembewu yomhlanganisela

Ngokuthathela ingqalelo inyaniso engasentla bubulumko ukuodola imbewu eyaneleyo kajongilanga enoluhlu Iwemihla yokuvuthwa. Emva koko unako ukukhetha ukulima kwangoko ukuba ubukhulu bomhlaba bunokufuma okwaneleyo kanti xa unohlobo Iwexesha elifutshane olukhoyo kulondolozo Iwfama yakho ukuze ulime emva kwexesha xa iimvula ezintle zinokufumaneka kuphela ngoNovemba okanye esaqala uDimesiba.

## Ukukhetha imbewu nomhlanganisela

Yimbewu elungileyo yomgangatho ofanelekileyo kuphela nenenganaba lepesenti ephezelu yokuntshula komhlanganisela eqnisekiswe kwindawo yakho okanye kwifama yakho enokuthengwa kumaqumrhu amaninzi ahlanganisela nathengisa imbewu. Ishishini elihlanganisela ujognilanga linokubonwa njengelinamava eMzantsi Afrika, kuba luninzi ulwazi olufunyanwa kwizenzo zokulima olukhoyo kula maqumrhu. Yiba soloko usebenzisa imihlanganisela eneziphumo ezaziwayo kwindawo yakho okanye kwifama yakho.

Nangona kunjalo lima imihlanganisela emitsha neneoyile eyahlukileyo eninzi ngayo yonke iminyaka ukuze usoloko unolwazi olutsha nezivuno eziphuculiwego nezinesiqlatho seoyile esithe chatha.

Ziliqela iintlobo ezifumaneka kummandla weni ntengiso ezikwaziyo ukumelana nezitshizi ezi-thile zemichiza kwaye zinokulinywa ngenjongo yokulutshabalalisa neengcambu ukhula kwime-ko yokuhlakula kwesiqhelo.

Qinisekisa ukuba uthenga imbewu yobukhulu obuchanekileyo ukulungiselela iipleyiti onazo ukuba ngaba usasebenzisa isixhobo sokutyalu sohlobo lweepleyiti. Imbewu encinane ngo-bukhulu inokusetyenziswa kwizixhobo zokutyalu zohlobo olufunxa umoya. Ukuba umlimi unenjongo yokulima malunga nezityalo eziyi-40 000 ngehektare nganye, angenza uhlahlo-mali olumalunga ne-3 kg yembewu ngehektare nganye. Ummeli womthengisi wembewu unokubuzwa ngobukhulu obuchanekileyo bembewu nangesixa esinokusetyenziswa ngehektare nganye. Thenga imbewu eyaneleyo enokuphinda ilinywe okanye enokufakwa endaweni yombona okanye yeembotyi zesoya xa kunokubakho imfuneko. Ukuba bonke abalimi bebenokuba nesicwangciso sendawo enkulu yoojongilanga, kungenzeka ukuba iphele imbewu kwixesha elizayo lokulima.

### **Imihla yokulima, ubunzulu bokulima namanani ezityalo**

Xa umlimi enze isigqibo sokulima kwangoko ukuze akhawuleze avune, esenzela ukuthengisa esemahle amaxabiso kucetyiswa ukuba ali-me ngoSeptembera, phofu kuphela xa ukufuma komhlaba kulungle.

Imihla eyeyona ilungileyo yokulima kwi-indawo eziempuma ezikholise ukuphola iqala ekuvaleni kukaNovemba ukuya kwiveki yokuqala kuDisemba. Kwimimandla esembindini ukususela kwiveki yokugqibela kuNovemba ukuya ekupheleni kukaDisemba kanti kwimimandla esentshona ebaleleyo, ukusuka kwiveki yoku-gqibela kuDisemba ukuya phakathi kuJanyu-wari.

Misela isixhobo sakho sokutyalu ngendlela eza kwenza ukuba imbewu ityalwe phakathi

kwe-2,5 cm ne-5 cm (obo-na bukhulu) kuxhomekeke kwiintsalela ezingapezulu, iimeko zokufuma komhlaba nakuhlo-bo lomhlaba. Ku-cetyiswa iintsimbi zamakhu-ba zokutyalu ezichanekileyo nezinolawulo oluchanekileyo lobunzulu nezidala isimo somhlaba esithande ukubambana kancinane kwicala ngaline kodwa zingabi ngaphezu kwembewu. Yiba solo-ko usemasimini ngexesha lokulima ukuze emini ubek' iliso emsebenzini wokulima onoku-guquka emini ukususela kusasa, emini ukuya emva kwemini. Ubunzulu bokutyalu bungadinga ulungelewaniso emini njengoko ziguquka iimeko zokufuma. Qinisekisa qho ukuba imbewu ingene kakahle emhlabeni ofumileyo.

Amanani ezityalo afanelekileyo, kwindawo ekulinywe kuyo emva kokuhluma, aya kuxhome-keka kwisakhono somhlaba esinokushwanka-thelwa **kwiTheyibhile yoku-1**.

Njengomthetho owaziwayo kufuneka ubuncinane bezityalo eziyi-20 000 kuzo zonke iindawo kwisivuno ekugqaliselwe kuso esifanelekileyo nesihlawulekayo. Indawo ekuliny-we kuyo ekugqibeleni neyamkelekileyo iya kuxhomekeka kumhla wokulima ngokutsha. Xa kusema kwexesha kakhulu nokuba indawo ilungile awanakufumaneka amanani ezityalo entsusa yama-20 000.

Kubalulekile ukumisela isixhobo sakho sokutyalu ukuba sityale malunga ne-8% ukuya kwi-10% ngaphezu kogqaliselo Iwesivuno sokugqibela samanani ezityalo ukuze imbewu engantshulanga icinezeleke okanye yonakaliswe zizinambuzane.

Qiniseka ukuba amaqondo emilingan-iselo esixhobo sakho sokutyalu enziwe es-hedini ngokubala ngokuchanekileyo amaxa okujika kwamavili kwiimitha eziyi-100 ze-

miqolo yesixhobo sokutyalu nangokubala ngokuchanekileyo imbewu ukuze ufumanise amanani esityalo acwangciselwe. Ukuba li-khona ixesa, tyala intwana encinane kwango-ko kwixesha lokulima ukuze uqwälasele izithuba phakathi kwezityalo kunye nesakhono sesixho-bo sokutyalu ngomqolo ngamnye.

### **Elokugqibela**

Khawuleza wenze izicwangciso zeemeko zalo nyaka, khetha imbewu elungileyo yefama yakho uze ulime amanani achanekileyo ezityalo xa ku-kho ukufuma okwaneleyo emhlabeni. Ukuba ase-tyenziswa kakuhle la macebis, aya kuqinisekisa ukuba kufunyanwa isityalo esinika inzuko kwixesha lokulima elizayo ngo-2013/2104. ☺

***Eli nqaku linikelwa ngumlimi  
othathe umhlala-phantsi.***



# Loluphi uhlobo Iweembotyi zesoya okanye umhlanganisela endinokuwulima?

K usenokuba nzima ukwenza isigqibo ngohlobo lomhlanganisela weembotyi zesoya onokuwulima kwifama yakho xa ucingela iimeko ezixhaphakileyo zemozulu ne-sakhono somhlaba.

Ukukhetha okuchanekileyo enyanisweni unga-kwenza kuphela xa sowuhlole iziphumo zemi-hlanganisela eyahluka-hlukileyo ebilinyelwe urhwebo ngokweemeleo zolawulo lwakho nango-kwesakhono semveliso. Kufuneka ubuncinane bamaxesha okulima amathathu ukuze kuqaliswe ngokuchonga imihlanganisela enokusetyenziswa kwifama yakho nokuthi yeyphe engenakusetyenziswa.

Ukuba kunokwenzeka zama uvavanyo Iwefama yakho Iwemihlanganisela ulime iintlobo ezi-mbini okanye ezintathu ezivavanyiweyo ngezixa zokurhewba. Amava abonise ukuba umhlanganisela ochanekileyo unako ukuba nesivuno esikhulu ngaphezu kwengachanekanga ngeetoni eziyi 0,5 okanye ngaphezulu ngehektare nganye kwaye unokwenza umahluko phakathi kokulima okunenzozo nokungenanzozo.

Inye indlela yokufumanisa umhlanganisela ochanekileyo wefama yakho, ngamava angawa-ho okulima. Ungaze wenze uqashi-qashi okanye ufunesele ngeyona mihlanganisela incomekayo ukuba ucinga ngendawo onokuyilimela ukurhweba.

## Imihlanganisela yeembotyi zesoya – iimpawu malunga nomhlaba

Impawu ezibalulekileyo zeembotyi zesoya ma-lunga nomhlaba ngokuphathelele kwinkqubo zokuhlanganisela iintlobo nasekulimeni ngenjongo

yokurhweba zinokuhlewa ngokwemibandela ethile ephambili. Ubude bexesha lokukhula okanye iqela ngokokuvuthwa (uhlobo lokukhula okunokuqinisekiswa okanye okungenakuqinisekiswa), iintsuku eziqhelekileyo phambi kokudubula kweentyatyambo, iintsuku eziqhelekileyo ukuya ekuvuthweni, ubude besityalo, ubude bemidumba, ukulondolozeka komgangatho, ukumelana okutshabalalisayo, imbewu yesiqhelo efumaneka kwi-1 kg yembewu kanye namanani angawo esityalo.

Ezi mpawu zikhola sa ukuhlela ngokoku-hlanganiseleka kwembewu okanye ngamaqu-mrhu athengisayo ngokomlinganiselo wesi-1 kwi-9 apho u-1 "ephezulu" okanye "ebalasele" aze u-9 abe "phantis" okanye "ahleleleke", umzekelo.

Uninzi Iwemihlanganisela luyakwazi ukunyamezelia i-glyphosate kwaye inako ukuba neziphumo ezincombe kaya xa isetyenziswa kwinkqubo yokutshatalalisa kohkula ngemichiza efanelekileyo "yokulungela umjikeleziso". Imichiza esetyenziswa kwinkqubo elolo hlubo mayifikwe ngobunono obukhulu kwixesha lobudala obuchanekileyo besityalo. Bubulumko ukuxuba isitshizi nesongezo sesichumiso ukuze kukhuthazwe ukukhula ngokunjalo kutshatalalisa naziphi iziphumo ezingafunekiyo ezinokudodalisa ukukhula nezinokwenzeka kwixesha elingangeveki ukuya kwiintsuku ezilishumi emva kokuyifaka.

## Ixesha lokukhula okanye udidi lokuvuthwa

Ngaphandle kohkulo lokukhula komhlanganisela olu lolunye Iweempawu ezibaluleke kakhulu ezi-funa ukuqwalaselwa.

Imihlanganisela evuthwa phambi kwexesha okanye ekhula ngokukhawuleza ifanele im-

mandla epholileyo okanye imimandla enexesa lokukhula elifutshane lehlobo. limbotyi zesoya ezivuthwa kwangoko zifuna imilinganiselo yobushushu enganeno ukuze zifikelele ekuvuthweni kuneentlobo ezifuna ixesha eliphakathi ukuya kwelide lokukhula.

Buza ummeli wakho wembewu ukuba yeyphe echanekileyo enokukhethelwa imimandla yemveliso ethande ukuphola nefudumeleyo.

Imihlanganisela yeembotyi zesoya iwuela kakhulu umgama ngokobude nangokobubanzi nangokokuphakama ngaphezu kolwandle ngo-kunjalo namandla okukhanya kwelanga. Umahluko wobude obungangemitha eziyi-100 kuphela phakathi kwamasimi unganalo ifuthe kwisivuno sokugqibela sawo lo mhlanganisela.


## Uhlobo lokukhula

Omnye wemiba eyeyona mikhulu enokuchapha-zela isivuno nakowuphi unyaka kwiimeko zemozulu eyahlukileyo ofumaneka kwisithili okanye kummandla wokufama luuhlobo lokukhula. Abalimi baseBrazil, ilizwe elilelinye lamazwe aphambili alima iimbotti zesoya ehlabathini, baziqhela-nisa nokulima imihlanganisela yohlobo olukhula ngokungenakuqinisekiswa.

## Zeziphi iiyantlukwano phakathi kweentlobo ezingenakuqinisekiswa nezo zinokuqinisekiswa?

Kukho ukubhideka okukhulu phakathi kwabalimi malunga nezi ntlobo zimbini ziphambili. Imihlanganisela ephantse ukungaqqinisekiswa nayo iyafumaneka kwaye iyalinywa ngokunjalo yongeza ekubhidekeni malunga nohlelo njengoko imikhwa yokukhula iqatshelwa entsimini ngabalimi.

## IINTLOBO ZEEMBOTYI ZESOYA



### Izityalo ezingenakuqinisekiswa

Isityalo seembotyi zesoya esingenakuqinisekiswa siyaqhuba ngokukhula nokufumana amaggabi amatsha namaqhubu ngaphezelu kwisityalo logama ngaxeshanye isityalo sidubula iintatyambo nemidumba emazantsi esityalo. Ngokuya liqhubela phambili ixesha lokukhula, kungakho imidumba yobukhulu obupheleleyo emazantsi esityalo logama ngaphezelu kwisityalo amaggabi amatsha esahluma.

### Izityalo ezinokuqinisekiswa

Imbotyi zesoya ezinokuqinisekiswa zinemikhwa eyahluka-hlukileyo yokukhula kwaye ziggiba umjikelo wazo wokukhula kwesityalo kuqala phambi kokuqalisila ngokudubula iintatyambo nokuhluma kwembewu.

Imbotyi zesoya ezinokuqinisekiswa zinokufikelela ekuphakameni okungangemitha kwaye zingabi nazintatyambo namidumba kanti iimbotyi zesoya ezingenakuqinisekiswa zisenokuba seziqalisile ukuba nemidumba xa isityalo siphakame kangange-350 mm ukuya kwi-500 mm.

Olona ncedo lukhulu olufunyanwa ziintlobo ezingenakuqinisekiswa yinyaniso yokuba ziyakwazi ukubuyela emandleni azo emva kwamathuba emozulu yembalela. Oku kufunyaniswe kwiFree State eseMpuma kwixesa elidlulileyo lokulima ngezityalo 'ezibambezela' ukudubula kweentyatyambo ngembalela ethathe ithuba elide kujanyuwari kodwa zakwazi ukubuyela kwisimo sazo zaza zakhupha iitoni eziyi 1,4 ngehektare nganye. Ixesha lazo lokukhula okuncomekayo liphantse laba lide phantse kanganeeveki ezintathu kunethuba elaziwayo lokuvuthwa. Ngokuinisekileyo oku kube luncedo ngokwasemalini.

Kwelinye icala, ukuba izityalo ezinokuqinisekiswa zifunyanwa lithuba lemozulu eshushu neyembalela xa kudubula iintatyambo naxa kuhluma imidumba kungenzeka ukuba isityalo silahlekelwe ziintatyambo nayimidumba emininzi. Emva koko, akubikho thuba limbi lokuhluma kweminye.

### Ubude besityalo, ubude bemidumba, udidi nokumelana nokubuna

Imbandela engasentla ikwabalulekile xa owona

mdumba m futshane ulinganiswa ukusuka kumgangatho womhlaba ukuya kweyona midumba mifutshane ebalulekileyo, kufuneka okungenani ibe yi-10 cm ukuze kuphunyezwe okona kuvunwa kuphezelu kwesityalo ngesixhobo sokuvuna nokubhula. Ubude bezityalo bufunyaniswa ngo-fuzo kodwa buphenjelewa ziimeko zemozulu zexesha elithile lokulima kwaye kunokwahluka ukusuka kwi-65 cm ukuya kwi-100 cm.

Imihlanganisa ekhethiweyo nayo mayibonise isakhono sokuhlala kwimo yokuma nkqo emva kokuvuthwa ide ivunwe. Imidumba yee-mbotyi zesoya ivuleke lula ikhuphe imbewu emva kokuvuthwa kwisiku sayo nasemva kokoma. Ukuba imvula ine emva kweli banga ukubuna kungakhi kakhulu. Inye indlela yokuvuna lembewu elahlekileyo ikholisa ukuba kukufaka imfuyo engephi entsimini emva kokuvuna.

Yiba soloko ulima uluhlu lwemihlanganisa yamathuba ahluka-hlukileyo okuvuthwa ukuze inkqubo yokuvuna igqitywe ngokukhawuleza ngenetsimi nganye njengoko isityalo sivuthwa ngamaxhesa ahluka-hlukileyo.

### Isishwankathelo

Zama ukukhetha imihlanganisa efaneleki-leyo kwaye ugqale yonke imibandela eboniswe ngasentla. Imibandela ebalulekileyo iquka ukusetyenizwa kwemihlanganisa efanele ubude bexesha lokukhula befama yakho. Dibanisa iintlobo ezinokuqinisekiswa nezingenakuqinisekiswa zamaxesha okukhula ahluka-hlukileyo kanti okunye okubaluleke kakhulu kukuqwalasela nokubhala phantsi imihla yokutyla nokubek' iliso kwiimpawu ezibalulekileyo zomhlaba kunye nesivuno esichanekileyo sokugqibela somhlanganisa ngamnye owlumileyo.

Ezi nkucukacha ziya kudingeka ngakumbi xa ukhetha imihlanganisa nasekulimeni iimbotyi zesoya ngempumelelo yefama yakho malunga nemali. 

*Inqaku linikelwe ngumlimi  
othathe umhlala-phantsi.*



# Imiba ebalulekileyo ngezitshtizi – amalungiselelo nokwenza amaqondo emilinganiselo esixhobo sesitshizi

N gokwenza amaqondo emilinganiselo kwisitshizi sakho useka isantya esichanekileyo sokufakwa komchiza ukuze kusoloko kufakwa umchiza ngesantya esisixa esichanekileyo kwihektare nganye. Le nkubo ibaluleke kakhulu malunga nokusebenza kwemichiza kune nokuncomeka kwayo kwiumpumezo yawo yeziphumo ezinqwenelekayo.

Kufuneka wazi ukuba itanki yesixhobo sakho sotshiza iza kuqulatha ilitha ezingaphi zolwelo ukuze ubale ungekaqali ngokutshiza ukuba zingaphi itanki zesitshizi ezizeleyo oza kuzidinga ngomsebenzi othile. Ukuakwa kwesitshizi kwahluka ngesityalo ngasinye, kwahluka nangokuqeletana kwemiqolo nangokobudala, ngobude nangokuxinana kweziyalo. Oku kuthetha ukuba kuyimfuneko ukwenza amaqondo emilinganiselo amatsha ngebloko nganye nangesityalo ngasinye esahlukileyo. Inkoliso yamaqumru emichiza ifanele ukuthumela ummeli oza kuncedisa aqwala sele inkubo yokwenziwa kwamaqondo emilinganiselo kanti kulungile nokuba uyicele le nkondo kodwa nalapho umlimi ngamnye ucetyiswa ukuba ayiqonde inkubo yokwenziwa kwamaqondo emilinganiselo.

## Ukwenza amalungiselelo esixhobo sakho sokutshiza

1. Sicoe kakuhle isixhobo sokutshiza kwaye uqinisekise ukuba akukho zimpawu zokurusa okanye zokuvuza.
2. Itanki mayithi gabhu phakathi ngamanzi ange-nanto uze uye nesixhobo sokutshiza entsimini kwindawo efana naleyo kuza kutshizwa kuyo.
3. Qwalasela yonke imilomo kwisitshizi esololiwewo ukuze uqiniseke ukuba sisebenza ngokuncomekayo.
4. Bazi obona babanzi bububo besolulo sestshizi sakho nenani elililo lemilomo yaso.
5. Emva koko fumanisa ukuba mangaphi amahlumelo afanelwe kukutshizwa sisitshizi sakho ngehektare nganye. Jonga **Isazobe soku-1**.
6. Inyathelo elilandelayo kwinkubo yokwenziwa kwamaqondo emilinganiselo kukuqhubela

**Isazobe soku-1:** Bala ukuba mangaphi amahlumelo afanelwe kukutshizwa sisitshizi sakho ngehektare nganye yentsimi.

→ Bala ububanzi besolulo sisitshizi x 100 m = indawo ngokwezikweri zeemitha (Umzekelo:Ukubaisolulosesisitshizisakhosidekangange-10mngokokeokoyi-10mx100m=1000m<sup>2</sup> Njengoko ihektare ilingana ne- 10 000 m<sup>2</sup>, kufuneka ke ngoko wahlule indawo yesixhobo sokutshiza kwi-100 m<sup>2</sup>, ngokwe-10 000 m<sup>2</sup>. Le yindlela yokufumanisa ukuba mangaphi amahlumelo esiza kufikelela kuso isixhobo sokutshiza, ukuze kufikelelw kwihektare enye yentsimi.

→ Ukuba isolulo sisitshizi sinobude be- 10 m isibalo siya kuqhutywa ngale ndlela: yahlula u-10 000 m<sup>2</sup> ngo- 1 000 m<sup>2</sup> = 10

Oku kuthetha ukuba isixhobo sisitshizi kuya kufuneka ukuba siphumeze **amahlumelo ali-10** entsimini ukuze kufikelelw kwihektare enye.



**UNatie Visser waseSannieshof uyiarhente ya-bathengisi abahluka-hlukileyo bembewu nemichiza. Apha uncedisa uDavid ngokwenza amaqondo emilinganiselo ezitshizi zakhe.**

phambili isixhobo sakho sesitshizi kumgama ongange- 100 m kwiimeko zentsimi aphosiya kusebenza khona kwaye umisele ixehsha nesantya sokusebenza kwaso kwiimitha eziyi-100.

7. Okulandelayo kukuba ulinganise okukhutshewa ngaphandle ngumlomo omnye kwinani elithile lemizuwana ukuze ubone ukuba isixhobo sakho sesitshizi sithatha ixehsha elingakanani ukufikelela kumgama we- 100 m. Oku kwenziwa ngokukoqelela okukhutshewa ngaphandle ngumlomo omnye kwijagi enamaqondo emilinganiselo ngokwenani elithile lemizuwana elithathwe sisitshizi sakho ukufikelela kumgama we- 100 m.
8. Ngoku phinda-phinda iimililitha ngenani lemilomo kwisolulo sisitshizi ukufumana ukuba lungakanani ulwelo olukhutshwa sisitshizi kwi- 100 m yentsimi. Oko kukuthi: i-1 000 ml emlonyeni om- 1 x ngemilomo eyi-12 kwisolulo sisitshizi = 12 yeelitha zolwelo olukhutshwayo kwi-100 m nganye.
9. Phinda-phinda eso siphumo ngenani lama-hlumelo owabale kuqala ofanele ukuwatshiza ukuze ufikelele kwihektare enye. Oko kukuthi: ilitha eziyi-12 x amahlumelo eyi-10 = zilitha eziyi-120 ngehektare nganye.
10. Ngoku kubalulekile ukuba ubale ukuiya okufunekayo komchiza ngehektare nganye uze ulungelelanise ngokweelitha zamanzi ezikhutshewa ngaphandle sisitshizi sakho. Umzekelo, masithi sisitshizi sakho siqlathala ilitha eziyi-120 ngehektare nganye.

eziyi- 600 ukuze sikhuphele ngaphandle ilitha eziyi- 120 ngehektare nganye 600 yeelitha eyahlulwa ngeelitha eziyi-120 = 5. Oku kuthetha ukuba kufuneka ufikelele kwihektare ezintlanu ngetanki enye yesitshizi somxube wemichiza.

11. Jonga ileybile ecebhotileni yomchiza ukufumanisa ukuba zingaphi ilitha okanye iimililitha ezinokufakwa ngehektare nganye wandule ukulungelelanisa ngendlela efanelelkileyo. Kumzekelo ongasentla sicingle ukuba isixhobo sesitshizi sifikelela kwihektare ezintlanu ngetanki ezele ngamanzi. Xa kunjalo uya kuzifumanisela ukuba ngumchiza ongakanani ofanele ukugalelw kwitanki enye kwihektare ezintlanu.

## Ngoku unazo zonke iinkukacha ozidingsayo

- Uyazi ukuba zingaphi ilitha ezitshizwa kwitanki yesitshizi sakho ngehektare nganye.
- Uyazi ukuba zingaphi iihektare efikelela kuzo itanki enye yesitshizi.
- Ukuba isixa samanzi esifunekayo asilingenga, sinako ukulungelelanisawa ngoxinzelelo lwempompo mhlawumbi ngokulunyusa okanye ngokuluthoba. Oku kuya kukhupha amanzi athechatha okanye anganeno.
- Ukuba uyasiguqula isixa samanzi esikhutshwayo kuya kufuneka ukuba uqale ekuqaleni ngokwenza zonke izibalo.
- **MUSA** ukulungelelanisa uxinzelelo emva kokuba amaqondo emilinganiselo enziwe aze amiselwa okokuggibela kwisitshizi.
- Lungelelanisa ukuiya komchiza nokwamanzi ngokwenani leehektare efikelela kuzo itanki enye yesitshizi.

## Okubaluleke kakhulu

- Emva kokufaka itanki yokuqala ezeleyo emasimini, kubaluleke kakhulu ukulinganisa indawo ekufikelelw kuyo ukuqinisekisa ukuba amaqondo emilinganiselo yakho achanekile. Yenza ulungelewaniso ukuba kukho imfunko.
- Qwalasela ukuba ngaba yonke imilomo isebeanza ngokuchanekileyo kwaye ayithintelekanga na.
- Qinisekisa ukuba izihluzi zeetanki zicocwa yonke imihla ukuze ukuqukuqela kwenzeke ngozinzo.

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhalu kwiPula/Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.

# iGrain SA isingathe iVekikazi yezoLimo yabalimi

Grain SA inike inkxaso yentente yeendwendwe ngeVekikazi yezoLimo (ngomhla we-18 ukuya kowe-21 kuSeptemba ngo-2013) eBredasdorp ukuze onke amalungu eGrain SA, abenzi-zindima beshishini lezityalo eziziinkozo kune nabosasazo babe neendawo zokuhlala. Lo msitho ubuzinyaswe ngabaphathi bamaPhondo abavela eNtshona-Koloni naseMzantsi-Koloni, kune noJannie de Villiers, uLouw Steytler noSusan Engelbrecht abavela kwifisi yethu eyintloko.

Usuku IwangoLwesihlanu lumphume phambili kulo msitho, kwaye bebebaninzi abalimi bethu abasaphuhlayo kuyo yonke iNtshona-Koloni noMzantsi-Koloni. Abalimi bafumene ithuba lokuthetha noLouw Steytler noJannie de Villiers, baphinda bafumana nethuba lokuxoxa ngezimvo zabo malunga nekamva ngokuphathelele kubukho bomhlaba eNtshona-Kolini naseMzantsi-Koloni. Abalimi abaninzi bavakalise umbulelo wabo kwi-Grain SA wokuba baziva bezithemba izikhokelo nenkxaso esezinkwé yiyo kude kuge ngoku kwaye baziva beqinisekile ngenkxaso yexesha elizayo.

Nangona iGrain SA inikele ngezfundo ezi-malunga neziyi-38 eNtshona-Koloni naseMzantsi-Koloni kwiinyanga ezintathu ezidlulileyo, sisesikhulu isidingo soqequesho. Baninzi abalimi abasaphuhlayo abaxele ukuba banezidingo zo-qequesho kwaye ngokuqinisekileyo kuza kuhlangatyezwana nezi zidingo kwiinyanga ezizayo. Kwakhona iVekikazi yezoLimo inike iGrain SA ithuba lokwazisa abalimi abahlala eNtshona-Koloni naseMzantsi-Koloni ngemisebenzi exakeke ngayo iGrain SA kweli lizwe liphelele malunga namaqela ofundo-nzulu, uqequesho, iintsku zabalimi neenkqubo zezikolo ngokunjalo ikhuthaze abalimi ukuba nabo bazimisele.

**Inqaku linikelwe nguLiana Stroebel,  
umbhali kwiPula/Imvula. Ngolwazi  
oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha:  
[liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za).**



# PULA IMVULA

Iqela labahleli

## GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324  
7 Collins Street, Arboretum  
Bloemfontein  
► 08600 47246  
► Fax: 051 430 7574 ▲ [www.grainsa.co.za](http://www.grainsa.co.za)

## UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson  
► 082 854 7171 ▲ [jane@grainsa.co.za](mailto:jane@grainsa.co.za)

## UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel  
► 084 264 1422 ▲ [liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za)

## UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks  
► 018 468 2716 ▲ [www.infoworks.biz](http://www.infoworks.biz)



## IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,  
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,  
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

## INkubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO  
Danie van den Berg  
Free State (Bloemfontein)  
► 071 675 5497 ▲ [danie@grainsa.co.za](mailto:danie@grainsa.co.za)

Johan Kriel  
Free State (Ladybrand)  
► 079 497 4294 ▲ [johank@grainsa.co.za](mailto:johank@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 051 924 1099 ▲ Dimakatsi Nyamboso

Jerry Mithombothi  
Mpumalanga (Nelspruit)  
► 084 604 0549 ▲ [jerry@grainsa.co.za](mailto:jerry@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 013 755 4575 ▲ Nonhlanhla Sithole

Naas Gouws  
Mpumalanga (Belfast)  
► 072 736 7219 ▲ [naas@grainsa.co.za](mailto:naas@grainsa.co.za)

Jurie Mentz  
KwaZulu-Natal (Vryheid)  
► 082 354 5749 ▲ [jurie@grainsa.co.za](mailto:jurie@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 034 980 1455 ▲ Sydwell Nkosi

Ian Househam  
EMpuma-Koloni (Kokstad)  
► 078 791 1004 ▲ [ian@grainsa.co.za](mailto:ian@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 039 727 5749 ▲ Jenilee Bunting

Lawrence Luthango  
EMpuma-Koloni (Mthatha)  
► 076 674 0915 ▲ [lawrence@grainsa.co.za](mailto:lawrence@grainsa.co.za)  
► e-Ofisini: 047 531 0619 ▲ Cwayita Mpotyi

Toit Wessels  
ENtshona-Koloni (Paarl)  
► 082 658 6552 ▲ [toit@grainsa.co.za](mailto:toit@grainsa.co.za)

## UKUTSHABALALISA IZONAKALISI ZEZITYALO



# Masibe sedabini lokulwa neempuku zasebusuku!

**U**kutshatalaliswa kwezi mpuku zincinane ngumngeni kubalimi abaninzi. Kweli nqaku sikunika isishwankathelo esifuthane seengongoma ngendlela yokutshabalisa esi sonakalisi sezityalo.

- Zinike ixesa lokuhlakula iindawo ezikuzo ezo mpuku ngocoselelo. Xa kungensiwa nto ngazo, ngakumbi emasimini alifusi, ezi mpuku zihlala ngozinzo nglonwabo kungabikhlo mntu ukwaziyo ukuqhekeza isithanga sazo – kubaluleke ngakumbi kubalimi abahlakula kancinane okanye abangahlakulyo.
- Sebenzisa izikhova neentaka ezothusayo ukoyisa iimpuku kodwa ubambe ezo ziphumela ngaphandle – ugxumeke izihlalo aphi izikhova neentaka ezothusayo ukuze zizingele iimpuku zasebusuku.
- Sebenzisa kuphela imichiza ebhalisiweyo yokubulala izilwanyana ezizikrethi ezingasayi kuzityhefa iintaka ezothusayo.
- Qinisekisa ukuba umchiza wokubulala izikrethi ngumgibe onomtsalane. Esinye sezixhobo ezincombekayo kodwa esinobungozi obubobona buncinane kukuthambisa iinkozo eziphekwe zathamba neenkozo ezintshulayo ngeoyile yokupheka nange-zinc phosphide nangokubeka oku emibhojeni emacaleni amasimi, okanye kwizithanga ezineempuku ezinini zasebuku.
- Umgalindadi ade amanani eempuku zasebusuku abe phezulu ngokugqithisileyo – qubisana nengxaki kwangoko, phambi kokuba zigrumbe zitye izityalo ezsantshulayo.
- Kunye nesityalo esingundoqo, tyala isityalo esingumgibe esiya kunthula ngaxeshanye nesityalo esingundoqo – masityalwe sixinane emhlabeni ochumileyo. Sebenzisa imbewu endala yombona okanye yengqolowa engasaphili kakuhle uyilime. Xa iimpuku zasebusuku zifuna ukutya ziya kufumana oku.
- Yeka iinyoka, amagala namaqaqa – nazo ziyawatya amantshontsho eempuku zasebusuku.
- Sebenza nabanye abalimi ukuba sedabini neempuku zasebusuku – asinakuphumelela edabini lokuzilwa xa singasebenzisani ekutshabalaiseni la manani azo.



Impuku yasebusuku ikhangeleka ngale ndlela.



Impuku yasebusuku igrumba phakathi kombona.



Ilindle leempuku zasebusuku libonisa iindawo ezonakalisa kuzo.



Impuku zasebusuku 10; umlimi 0.

Inqaku linikelwe nguGq Gerhard H Verdoorn,  
weGriffon Poison Information Centre and  
Association of Veterinary and Crop  
Associations of South Africa (AVCASA)  
kwiSA Graan/Grain kuNovembra  
ngo-2012. Ngolvazi oluthe vetshe,  
thumela i-meyili apha nesher@tiscali.co.za.

THIS PUBLICATION IS  
MADE POSSIBLE BY THE  
CONTRIBUTION OF  
THE MAIZE TRUST